

Ihlebo elifihlakeleyo

lesihogo

Phaya ekupheleni ko-1970 nto, uThixo ngenceba yakhe, wathi wandinika ulungiselelo. Njengoko ndandiqala ukuhambahamba, ndaqwalasela indlela akhula ngayo amabandla, ndafumanisa into eyandimangalisa kakhulu, ukuba isi-8 ukuya kwisi-9 eshumini sabo bathabatha uYesu baye baphinde bahlehle. Lonto ithetha ukuthi uvangelo lwalemihla nendlela zalo lubanga ukuba isi-8 ukuya kwisi-9 eshumini sabo baguqukileyo siphinde siwe.

Mandiyi cacise lento kuwe, kumnyaka u-1991, umnyaka wokuqala kwishumi leminyaka lesivuno, ibandla elithile eMelika laba namalungu ayi 294,000 amkela uYesu. Lonto yenzeka ngonyaka omnye nje, elibandla linamasebe ayi-11,500 lakwazi ukuba nabantu abayi 294,000 abamkela uYesu. Ngelishwa babayi 14000 abakhonzayo, oko kuthetha ukuthi abayi 280,000 babuya umva, lento ke iqhelekile, kwizi phumo zovangelo kulemihla, into endayifumanisayo ngaloo minyaka yandikhathaza kakhulu. Ndaqala ukufunda incwadi yamaRoma kakhulu ingakumbi, intshumayelo zamadoda afana noo Spurgeon, Wesley, Moody, Finney, Whitfield, Luther, namanye awathi uThixo wawa sebenzisa kumaxesha amandulo, ndafumanisa ukuba indlela ababeshumayela ngayo ayihoyekanga kulamaxesha angoku, ndaqala ke ukufundisa loo ndlela. Ndamenywa ukuba inkonzo yethu ijongane nendawo yase mazantsi eCalifornia, isixeko sika Bellflower, ukuze lemfundiso ifikelele ngakumbi kubantu base Melika. Konke kwaku zolile kwiminyaka emithathu yokuqala, ndathi ndafumana ileta esuka ku-Bill Gothard, owathi wayibona imfundiso kwi-vido. Wandikhwelisa inqwelo ntaka eya e-San Jose kumantla e-California, apho ndathetha namawaka abefundisi. Ngomnyaka ka-1992 wabukelisa abefundisi abayi 30,000 lo vido. Kwangalomnyaka u-David Wilkerson wandifowunela ese New York ehleli emotweni yakhe. Waye emamele lemfundiso yam waqonda ukuba maka fowune. Kwangoko wandikhwelisa inqwelo moya eyahamba umgama ozimayile eziyi 3,000 ukusuka e-Los Angeles ukuya e-New York, ukuze ndifundise iyure kwibandla lakhe. Wabona kubalulekile oku, emveni koko ndava ngamfundisi uthile owamamela ikhasethi lale mfundiso amatyeli ayi 250. Bendinokuvuya ukuba ubungayiva kubekanye lomfundiso ethi ihlebo elifihlakeleyo lesihogo

Kwincwadi ye ndumiso 19 ivesi 7, ithi “umthetho weNkosi ugqibelele ekuguquleni umphefumlo”. Yintoni le igqibeleleyo kwaye iguqula ntoni? Kutheni isibhalo siyicacisa lendawo.”umthetho wenkosi ugqibelele ekuguquleni umphefumlo”. Ukuze siwubonakalise umthetho ka Thixo, makhe sijonge umthetho wobukhaya. Khawufan’cinge ukuba ndingathi kuwe ndinendaba ezilungileyo, kukho mntu uthile obhatale isohloyo sakho sokubaekisa imoto, ebisi yi-R25,000. Ubunokundibuza ukuba yintoni le uthetha ngayo? Ayizondaba zimnandi ezo, azikholeki. Andinasohlwayo se-R25,000 sokubalekisa. Indaba zam ezilungileyo ziyakube azilunganga kuwe, ziya kubonakala zibubu denge. Ngaphezulo koko ziyakuba njengesithyolo, kuba ndithi waphule mthetho ube wena ucinga ukuthi akhange waphule mthetho. Kodwa iyavakala ukuba ndithi “kwindlela eza kulendibano ubonwe uqhuba ngesantya esi ngaphaya kwemayile eziyi 55 ngeyure, kwindawo enezilumkiso zokuba akufanelekanga oko, kuba londawo ibisikelwe indibano yabantwana abangaboniyo, kodwa wena uqhubelekile ngesisantya. Lento uyenzileyo ibinobungozi kakhulu, isohlwayo soko yi-R25,000. Umthetho ubuzakuthabatha indawo, kodwa ndoda ithile ongayaziyo ingenelele yabhatala isohlwayo sakho. Ubenethamsanqa.

Uyabona ukuba xa ndiqala ndikucaciselo isenzo sakho esigwenxa, oko kubangela ukuba ubuve ukulunga kwendaba enizanazo ezilungileyo. Ukuba andithi ndiwucacise umyalelo nokuqonda ukuba waphule umthetho, indaba ezilungileyo ziyakuba bubudenge, ziyakubonakala njenge sithyolo. Kodwa xa uqonda ukuba waphule umthetho, indaba ezilungileyo ziyakubonakala zilungile ngokwenene.

Kwangelondlela inye, ukuba ndithi kumntu ongumoni, "uYesu wafa emnqamlezweni ngenxa yezono zakho" kuye iyakubonakala njengobudenge nesithyolo lonto. Iyakubabubudenge kuba yena engayiqondi. Ibhayibhile ithi "indaba zomnqamlezo zibubudenge kwabatshabalalayo" (1 Amakorinte 1: 18). Iyakuba sisithyolo kuba ndithi ungumoni abe yena engacingi njalo. Ngokwakhe ukucinga, baninzi abanye angcono konabo yena. Kodwa ukuba uthatha ixesha ukulandela amanyathelo kaYesu, lento ingathi ivakale, ukuba ndithi ndithathe ixesha ndivule umthetho ongcwele, imithetho elishumi, ndibonise umoni kanye ukona kwakhe, ukuba wone uThixo ngoko phula umthetho, uthike afane njengoko uYakobi atshoyo "ukohlwayeka ngenxa yomthetho" (Yakobi 2 : 9), indaba ezilungileyo zesohlwayo esibhatelweyo azisayi kuba bubudenge, azisayi kuba sisithyolo, ziya kuba ngamandla kaThixo asingisele enguqukweni (Rom 1 : 16)

Ngoku ngezongcinga zimbalwa, masijonge amaRoma 3, ves 19. Sizakujonga into eliyenzayo ilizwi lika Thixo ebantwini. AmaRoma 3, ves 19. Ngoku siyazi ukuba okotshiwo ngumthetho, kubhekiswa kwaba ngaphantsi komthetho ukuze lonke ihlabathi libenetyala phambi koThixo. Omnye wemisebenzi womthetho kaThixo kuku misa yonke imilomo. Ukuze aboni bayeke ukuzithethelela besithi "baninzi abona ngaphezulu kwam, enyanisweni andingomntu mbi". Hayi umthetho uyawumisa lomlomo ekuzithetheleleni uze ukhokele lonke ihlabathi, hayi amajuda odwa, kodwa ihlabathi lonke linetyala phambi koThixo

Amaroma 3, uVes 20. "ke ngoko ngezenzo zomthetho, akukho nyama iya kugwetyelwa emehlweni ache., kuba ngomthetho kubakho ulwazi lwesono. Ngoko umthetho kaThixo usixellela into isono esiyiyo. Yohane wokuqala 3:4 uthi, "isono kukwaphula umthetho". Amaroma 7, ves 7. "sithini ke ngoko?" uthi uPawulosi. "ingaba umthetho usisono? uThixo uyala! Hay, akhange ndisazi isono ngaphandle komthetho. uthi uPawulosi, "azange ndazi ukuba siyintoni isono, wade umthetho wndazisa". Ku maGalati 3:24, "wayeke umthetho ungutitshala wathu ukuze usizise kuKrestu ukuze sigwetyelwe ngokholo". Umthetho kaThixo unjengo titshala ukuze usizise kuKrestu sigwetyelwe ngokholo egazini lakhe. Umthetho awusincedi, usishiya singenancedo. Awusigwebeli, usishiya sinetyala phambi kwesihlalo somgwebho soThixo ongcwele. Ingozi yovangelo lwalemihla, kukuba emveni kwamakhulu eminyaka, xa yathi yashiya umthetho ekuguquleni imiphefumlo, ukuqhubela aboni kuKrestu, novangelo lwangoku luyenzile lonto, ngoko ke fumana esinye isizathu sokuguqula aboni. Uvangelo lwalemihla lwaguqukela kwindima yokwaneliseka. Ivanneli yaba ngamazwi athi "uYesu uyakukunika uxolo, uvuyo, uthando, ukwaneliseka, no lonwabo olungaphelendawo." Ukuze ubone ukuba lemfundiso ayihambelani nesi bhalo, ndifuna umamelisise esisicatshulwa singezantsi, ngokuba umongo woku siyawuveza, ngoko ke mamelisisa

Amadoda ambini ayehleli kwinqwelo moya. Eyokuqala yanikwa iparashute kwathiwa iyinxibe ukuze uhambo ngomoya lwayo lubengcono. Yaba nokuthandabuza ekuqaleni kuba ingaboni ukuba ukunxiba iparashute kuyakwenza ukuba uhambo ngomoya lwayo lubengcono. Imveni kwexeshana wenza uvavanyo ukuze aboni ubunyani boku. Asakuyifaka weva ubunzima bayo emagxeni wabona ukuba kunzima ukuhlala.

Kodwa yazixolisa ngelithi kuthiwe uhambo ngomoya lwayo luyakubangcono. Wakhetha ukuba alinde ithutyana. Esalindle wabona ukuba abanye abakhweli bayamhleka, kuba enxibe iparashute. Waziva ehlazekile. Besaqhubeka bemalatha, behleka, waziva engenakumelana noku, wayikhulula wayilahlaphantsi. Waziva edakumbile kwaye enobukrakra entliziyweni yakhe, kuba ngokubona kwakhe wayexelelwe ubuxoki.

Indoda yesibini yanikwa iparashute kodwa mamela amazwi awathethwa kuyo. Yaxelelwa ukuba iyinxibe kuba nangawuphina umzuzu kunganyanzeleka ukuba itsibe ngaphandle kwi nqwelo moya esekuphakameni okungamanyathelo ayi 2500 ukuya ezantsi. Yayinxiba ngothakazelelo olukhulu. Azange ibuhoye ubunzima akanye ukungahlali kakuhle kwayo. Ingqondo yakhe yayicinga ngento enokwenzeka ukuba angatsiba ngaphandle kwe parachute.

Masijonge injongo neziphumo zalamadoda mabini. Injongo yendoda yokuqala, yayikukwenza ngcono uhambo ngomoya lwayo. Kodwa iziphumo yaba kukuhlazeka, Wabanenqala nenzondo kwabo babemnike iparashute. Ngokokubona kwakhe kuya kuthatha ixesha phambi kokuba ubani anxibe enye ezoparashute. Indoda yesibini yanxiba ukuze isinde kwintlekele ezayo, nangenxa yolwazi lwayo ngento enokwenzeka ubakayi nxibi, unovuyo olunengcambu ezimiliseleyo noxolo entliziyweni yakhe esazi ukuba usindisiwe kukufa okuzayo. Olulwazi lumnika amandla okumelana nokugezelwa ngabanye abakhweli. Entliziyweni yakhe unombulelo kwabo bamnike iparashute.

Ngoku, ingaba uyasikhumbula isizathu sokuba umkhweli wesibini abenoxolo novuyo entliziyweni yakhe? Ibikukuba esazi ukuba iparashute ibizakumhlangula ekufeni. Njengekholwa, njengoko uPawulosi watshoyo, ndinovuyo noxolo elukholweni (amaroma 15:13), kuba ndiyazi ubulungusa bukaKrestu buya kundihlangula kumsindo ozayo.

Sisenalongcingane engqondweni, makhe sijonge kwinto eyenzekayo kwinqwelo moya. Sino sisi ofikayo olungiselelayo. Uphethe itreyi yekofu ebilileyo. Lusuku lwakhe lokuqala; ufuna ukuzenza ngcono kumkhweli, aze ngokwenene enze njalo. Esahamba epasejini, uthi akhubeke achithele lomkhweli wesibini emlenzeni ngekofu. Yintoni ayenzayo akuva ikofu eshushu imtshisa? Ingaba uthi Sssfff! Yaze yabuhlungu? Mmm-hhh. Uva ubuhlungu. Ingaba uyayi khulula iparashute ayilahle athi ibubudenge. Hayi. Angayenzelani lonto? Akayinxibelanga ukuze abenohambo ngomoya olumnandi. Uyinxibele ukuze akhuseleke xa kunokunyanzeleka ukuba makatsibe. Ukuba ngaba kukho nto ikhoyo, ukutshiswa yikofu kumbangela ukuba abambelele kwiparashute ngakumbi alindele ukutsiba.

Ngokuke ukuba mna nawe sibeka uYesu ngenxa yesizathu esilungileyo, ukusinda kumsindo ozayo, nxa intshutshiso ifika, xa uhambo luba nama gingxigingxi, asisayi kumthyola uThixo, asisayi kuphuncukana novuyo noxolo. Ibiyakwenzeka njani lonto? Asizanga kuYesu ukuze siphile kamnandi: size kuba sibaleka umsindo ozayo. Ngaphakoko, intshutshiso ziliqhubela kuMsindisi ikholwa. Kulusizi ke kuba sinamakholwa amaninzi aphulukana novuyo noxolo xa uhambo lunamagingxigingxi. Kuba? Baphume kwivangeli ilijolise kubo. Baze bengenanguquko, ngaphandle kokuguquka awungeze usindiswe.

Ndandise ostreliya ndishumayela; I ostreliya sisiqithi esincinci kunxweme lwase nyuzilend. Ndashumayela isono, umthetho, ubulungisa, inguquko, nesihogo, andizange noko ndicinezelwe sisininzi sabantu ababelindele ukunikela intliziyo zabo kuYesu. Eneneni isimo saba sesingakhululekanga. Emveni kwendibano kwathiwa kukho umfana osemntsha ophaya ngasemva ofuna ukuzinikela enkosini. Ndaya

ngasemva ndafumana lomfana waye ngakwazi nokuthandaza kuba wayelila. Kum lento yayihlaziya kuba iminyaka emininzi, ndasiva uxinzelelo lokuvangela. Ndandifuna abantu baguquke, yiyo lonto ndandi shumayela ivangeli ibhekisa emntwini. Ndandisithi xa ndithetha “ asoze ufumane xolo ngaphandle koYesu; unento entliziyweni enokuzalekiswa nguThixo kuphela.ndandishumayela uYesu ebethelelwe, ndishumayela inguquko. Xa umoni esiza ngaphambili, ndandimjonga ndithi, oh hayi. Lomntu ufuna ukuzinikela kuYesu kodwa kukho ithuba lokuba angabuyela umva. Ndidiniwe kukwenza abantu abawayo. Ngoko ke kufanele ndiqinisekise ukuba lomfo uqinisekile, ufanele ukuba aqiniseke. Ndandisondelela kuye ndithi ufuna ntoni. Ndifuna “ukwamkela uYesu”.ndandiye ndimbuze “uqinisekile?” athi,”ewe”.ndithi, “ngenene uqinisekile”. Athi , ewe uqinisekile. Ndithi ndiza kumthandazela, kodwa kufaneleke aqiniseke entliziyweni. Ndithi maka landele ngalomthandazo emva kwam awuthandaze eqinisekile entliziyweni.’owu, Thixo ndingumoni’,atsho”awu, Thixo ndingumoni”. Ndizibuze kutheni kungekho nto ibonakalisa ukuba lomntu uyazisola. Ukuba ndandi nokuzibona injongo zakhe, ndandi nokbona ukuba ngenene unyanisekile. Ubesitsho ngentliziywo yakhe yonke. Ubefuna ukubona ukuba angafumana nto na, apha kuYesu. Uzamile ukujola, wazama iziyobisi, wazama imali, utywala. Kutheni engenokuzama ubukrestu abone ukuba bulungile na njengoko esitsho onke amkrestu. Waye ngabaleki umsindo ozayo kuba *andizange ndimxelele ngomsindo ozayo*. Kwakukho into elengalengayo kumyalezo wam.waye engohlwayekanga kuba engazi ukuba yintoni isono. Khumbula amaroma7, ves7? Uthi u Pawulosi, “ndazene nesono ngenxa yomthetho” Ingaguquka njani indoda ukuba ayisazi isono ukuba siyintoni? Yonke into ekuthiwa kukuguquka kuya kuba yilento ndithi kukuguquka okujongise ebantwini. Uyeza kuba wayexoke ebantwini, wayebe into zabantu. Kodwa xa uDavide wona noBhathshebha wophula yonke imithetho elishumi (wanqwenela umfazi wommelwane wakhe, waxoka, wakrexeza, wabulala, akathobela abazali, waza akathobela uThixo), azange athi ndonile ebantwini. Wathi “ndonile kuwe, kuwe kuphela ndonile, ndenza obububi phambi kwakho”(indumiso51:4). Xa uJosefu waye hendwa ngokukrexeza, wathi, “ndingayenza njani lento ndize ndone uThixo?”(genesis39:9). Unyana wolahleko wathi, “ndonile phambi kwamazulu”(luka15:21). uPawulosi waye fundisa inguquko phambi kukaThixo (izenzo20:21). Xa umntu engaqondi ukuba isono sijolise kuThixo, uyakuza ezokuzama ukuguquka phambi kwabantu, aze emveni koko ahlehle xa iintshutshiso, nokuhendwa, nemandezelo zifika.

U A.B. Earl wathi, “ndifumanisi ukuthi izilumkiso zika Thixo zinenxaxheba ekuguquleni umntu. Kufanele azibone elahlekile phambi koku khalela inceba, asoze ayibaleke ingozi ade ayibone.” Ndicela wenze into engaqhelekanga. Asoze ndikwenze iintloni; ndiyakuthembisa. Kdwa ndicela ukukubuzwa, bangaphi abantu abebecinga enye nto xabendifunda umbhalo ka AB Earl? Ndifuna ukuvuma, nam bencinga ngenye indlela xa ndifuna lombhalo; bencinga ukuba akukho mntu undimameleyo, bacinga ngenye into. Ukuze ndiveze okubalulekileyo kakhulu, ndifuna unyaniseke. Ukuba ubucinga ngenye indlela kodwa akuyazi ukuba u A B Earl ebesithini phakamisa isandla sakho...phezulu.

U A B Earl wayengu mvangeli kwiminyaka eyadlulayo, owaguqula abantu abayi 150,000 ukubonakalisa ubunyani bamazwi ache.

Usathana akafuni ykuba uyive lento. Phulaphulisisa.

U A B Earl wathi, “ndifumanise ukuba, ngokwenza uphando (lwenene) ukuba izilumkiso zika Thixo ziyasebenza ekukhokeleni umntu ku Krestu. Kufanela bazibone belahlekile phambi kokuba bakhalele inceba; asoze bayibaleke ingozi bade bayibone.

Uyabona, uzama ukuhlangula umntu otshonayo, abeyena engazi ukuba uyatshona, akasoz ayivuyele lento uyenzayo. Umbona edada; uthi, “ndicinga ukuba uyatshona. Ndikholelwa ukuba kunjalo.” Uyangene umkhuphe, ungakhange umxelele ukuba kwenzeka ntoni. Akazukuyithanda lento uyenzayo. Akasoze afune luhlangulo ade azibone ukuba usengozini. Asoze bayibaleke ingozi bade bayibone.

Ukuba uza kum uthi “Ray nantsi impiliso yesigulo i-Growaninzini, ndithee ngise indlu yam ngenxa yeliyeza, kodwa ngoku ndilinika wean mahala.” Mna ke bendiya kuthi “yimpiliso etheni leyo? Growanzini? Uthengise indlu yakho ukufumana eliyenza? Undinika mahala? Kutheni, andilifuni enkosi...lomfo uyagula.” Ibiyakuba yindlela endiphendula ngayo leyo, ukuba uthengise indlu yakho ukufumana iyeza lesifo endingasaziyo uphinde undinike mahala, bendiyakuthi awuqhelekanga.

Kodwa ukuba uze kum wathi, “Ray unesisifo, ndibona iimpawu empilweni yakho ezilishumi, uzakufa kwiveki ezimbini.” Ndize nam ndikholelwe kuba impawu zibonakala, ndibuze ukuba kufanele ndithini. Uze uthi wean “ungaxhali nalu uncedo lososifo sakho. Ndithengise indlu yam ukuzuza oluncedo, ndiyakunika mahala.”

Andi’ zukuyijongela phantsi into oyenzileyo; ndiya kuyamkela kakhulu. Kuba? Kuba ndisibonile isifo ukuze ndilwamkele uncedo. Kodwa kulusizi uba into eyenzekayo kukuba sishumayela impiliso, singaqalanga ngoku veza isifo. Sishumayeke ivangei lenceba singababonisanga abantu umthetho, ukuba bangaboni; phantse bonke abantu endishumayela kubo babekhe bayamkela inkosi. Uthi, “kufanele unikele ubomi bakho kuYesu.” Athi umntu ndayenza ndineminyaka eyi 7, 11, 17, 23, 25, 32.....” uyamazi ukuba aka ngomkrestu lomntu. Uyakrexeza, uyanyelisa, ucinga ukuba usindisiwe kuba wayekhe wamkela uYesu. Yintoni eyenzekayo ? usebenzisa ubabalo lwenkosi ukwanelisa inyama. Akaliboni libalulekile idini. Kuye akukho kubi uku nyathela igazi lika Krestu(amahebhre10:29). Kuba? Kuba azange asibone isifo ukuze amkele impiliso.

Uvangelo lwebhayibhile lusoloko lulungile, umthetho kwaba phakamileyo inceba kwabathobekileyo. Asoze umbone uYesu eshumayela indaba ezilungileyo, inceba, emntwini ophakamileyo, ozigwagwisayo. Hayi. Ngomthetho waphula intliziyo elukhuni nge vangeli aphilise intliziyo eyaphukileyo. Kuba? Kuba wenza okukholisa uBawo. uThixo akabafuni abaphakamileyo kodwa unika inceba abathobekileyo (yakobi4:6, 1petros5:5). Bonke abaphakamileyo balihlazo kwi nkosi(imizekeliso 16:5). uYesu watsho ukuba yeyobani ivangeli. Wathi, “umoya wenkosi uphezu kwam kuba indithumile ukushumayela indaba ezilungileyo kumahlwempu, abantliziyo zaphukileyo, amabanjwa naba ngaboniyo” (luka 4:18). Nazi intetho zakwamoya. Amahlwempu emoyeni(mateyu 5:3). Abantliziyo zaphukileyo(isaya 57:15).

Amabanjwa, ngabo babanjwe ngusathana, ukuze benze intando yakhe(2timoti 2:26), iimfama ngabo inkosi yelihlabathi ibamfamekisileyo ukuze bangaziboni indaba ezilungileyo(2abasekorinte 4:4). Ngaba gulayo kuphela abadinga unyango(marko 2:17), ngabo bavumayo ukuba bayagula abalufunayo uncedo.

Sizakukhe sijonge umzekelo womthetho kwaba phakamileyo ne nceba kwaba thobekileyo.(luka 10:24).ndiya kukunika ivesi ndiphindaphinde kuba ndiyazi amadoda akhona, kwaye amadoda afuna ukuphindaphindelwa. Lento ikhona nasebhayibhileni. Xa uThixo wayethetha namadoda wayesithi, “Abram,Abram....Sawule,Sawule....Mosis,Mosis..”ebafazini uthetha kubekanye. Wabadalela lonto uThixo kuba amadoda ayengenakho ukuma wodwa. Ebeyakubaphi amadoda ngaphandle kwabafazi? Egadini yase Eden

Ku luka10:25 sibona umfarasi ehenda uYesu. Wangelo gqhwetha kodwa wayesazi umthetho. Wabuza wathi, “ndinga buzuza njani ubomi ubungunaphakade?” wenza

ntoni ke uYesu? Wamnika umthetho. Kuba? Kuba uphakamile, unokuzigwagwisa. Apho sibona umntu othi wazi umthetho kaThixo, ehenda unyana kaThixo. Umbuzo wakhe wawusithi, “ucinga ukuba masenzi ukuze sifumane ubomi baphakade?” uYesu ke wamnika umthetho. Wathi, “oko kubhalwe emthethweni kuthini?”, oh kufanele uthande uThixo nge ntliziyo yakho iphela, ngonphefumlo wakho, namandla akho, thanda ummelwane wakho njengoko uzithanda. Wathi uYesu, yenza oku ukuze uphile. Ithi ibhayibhile kuba lendoda yayifuna ukuzithethelela, yathi, “ngubani ummelwane wam?” wayengenanto ngaku maJuda, kodwa waye engawathandi amasamariya. uYesu ke wathi wamxelela ibali lomsamariya olungileyo. Elalingoku thanda ummelwane wakho njengoko uzithanda, umsamariya wathobela izinto ezazifunwangumthetho. Ngokwenza oko, ngenxa yokubela kwalento ifunwa ngumthetho, lendoda yavalwa umlomo. Wayengabathandi ngokwaneleyo abamellwane bakhe. Umthetho wawukho ukuze umuse yonke imilomo, uze ushiye ihlabathi linetyala.

Kwanjalo ku luka18:18, omfana oweyesisityebi weza kuYesu, wathi, “ndinga buzuza njani ubomi obungunaphakade?” ubunokuthini wean ukuba umntu ebenokukubuzisa lonto, besinokuthi, “thandaza lomthandazo phambi kokuba utshintshe iingqondo”. Kodwa uYesu wanza ntoni ngaye? Wamolathisa umthetho. Wamnika imithetho ejolise ebantwini emihlano. Akuba ethe ndayigcina yonke lomithetho ndisemncinci. Wathi uYesu, “kusele into enye kuwe” wasebenzisa imithetho yokuqala kwimithetho elishumi. “Ndingu Yehova uThixo wakho.....uze ungabinathixo bambi ngaphandle kwam (eksodos 202-3).” Wayibonisa lendoda ukuba imali yayo yayi ngithixo wayo, “awunakukhonza uThixo no mammon” (mateyu6:24). Umthetho kwabaphakamileyo. Sibona ubabalo kwaba thobekileyo kwindima ka Nikodimo(yohane3). uNikodimo wayeyi nkokheli yamaJuda. Wayengu mfundisi kwa sirayeli. Ngoko ke wayewazi umthetho. Wayethobekile, kuba weza kuYesu wavuma ukuba ungu nyana kaThixo. Umkhokeli kwaSirayeli. “siyazi ukuba usuka kuThixo, kuba akekho umntu onokwenza izinto ozenzayo ngaphandle kokuba usuka kuThixo. uYesu wanika ke lendoda ifuna inyaniso, ithbekileyo kwaye isaziyo isono ngomthetho, indaba ezilungileyo sityala elihlawuliweyo kuba “wenjenje uThixo ukulithanda kwakhe ihlabathi wanikela ngonyana wakhe, okuphela kwamzelelo”, azange ibebubudenge kuNikodimo lento kodwa yaba ngamandla asa elusindisweni.

Kananjalo kwindima kaNathaniyeli (yohane1:43-51). uNathaniyeli waye ngumsirayeli ekhulele phantsi komthetho, hayi nje elizwini, wayengenabala.

Enyanisweni umthetho wabangutitshala wokuzisa lomjuda kuKrestu.

Kananjalo ngomhla wepentekost (izenzo2). Ayengamajuda azinikeleyo, anobuthixo, ayela,asele, adle umthetho kaThixo. Itoliki yebhayibhile u Matthew Henry uthi isizathu sokuba ahlangani yayikuku bhiyozela umthetho kaThixo kwintaba yesinayi. Xa uPetros wayethetha kula madoda, aze ashumayeke ugwebo. Hayi, umthetho wenza umgwebo, babeyazi lonto. Azange ashumayeke ubulungisa okanye umgwebo. Hayi. Wabaxelela indaba ezilungileyo zetyala elihlawuliweyo, baza bohlwayeka ezintliziyweni bakhala, “bazalwana, kufanele senzeni?”(ves 37). Mthetho waba ngutitshala ukuze ubazise kuKrestu bagwetyelwe ngokholo ngegazi lakhe. Umbhali weculo wathi “ngelizwi likaThixo isono sam sifundiwe, ndoyike umthetho endiwaphulileyo, wada umphefumlo wam onetyala waguquka ekhalvari”

Ku timoti wokuqala(1:8), uthi, kodwa siyazi ukuba umthetho ulungile ukuba usetyenziswa ngendlela, ngenjongo owawenzele wona. Wawenzelwe ntoni umthetho? Levesi ilandelayo iyasixelela, “umthetho wawungenzelwanga amlungisa,kodwa aboni”. Ide ibachaze, amadoda azenza abafazi, abenzi bombulo. Ukuba ufuna ukuzisa kuKrestu indoda ezenza umfazi, sukumxelela ngenkanuko ezingalunganga, kuba

uyakulwa nawe, ukulungele oko. Hayi, mnike imithetho elishumi. Wawenzelwe yena umthetho. Mbonise ukuba uyakugetywa nezonkanuko zakhe.

Ukuba uzisa umJuda kukrestu, beka ubunzima bomthetho phezu kwakhe, ukuze bumlungiselele ubabalo, njengoko kwabanjalo ngomhla wepenteskosti. Ukuba ufuna ukuzisa imozlem ku Krestu, linike umthetho ka Mosis, bayamvuma uMosis ukuba wayengumprofeti. Banike ke umthetho kaMosis, ukuze bangabi nakuzigwagwisa, ukuze baze emnqamlezweni. Ndakhe ndava ngemoslem elifunda le ncwadi ithi ihlebo eifihlakeleyo lesihogo, waza uThixo wamsindisa ngenxa yalencwadi. Kuba? Kuba umthetho kaThixo ugqibelele ekuguquleni aboni. Cinga ngalo mfazi wayebanjwe ekrexeza(yohane8:1-11). Ukwaphulwa komthetho wesixhenxe. Umthetho wawubiza igazi(levitikus20:20). Wazifumana ephakathi kwelitye nendawo eyomileyo.

Wangenayo enye indawo kodwa ukuwa ezinyaweni zonyana kaThixo efuna ubabalo, ngumsebenzi womthetho kaThixo lowo.

uPawulosi wakhe wathetha ngokuvaleleka phantsi komthetho(amagalati3:23).

Uyagweba. Uthi,"uwanukuba gweba aboni" bazalwane, sele begwetyiwe.

Yohane3,ves18, "lowo ungakholelwayo usele egwetyiwe" into umthetho uyenzayo kukumbonisa isimo sakhe ngenene.

Bosisi, mhlawumbi ningayibona lento. Itafile esegumbini lokuhlala idinga ukwesulwa uthuli. Uzeke wean uyesule, lonke uthuli luyasuka. Emveni koko uvule ikhethini,ukuze ilanga lakusasa lingene. Ubona ntoni? Uthuli. Ubona ntoni emoyeni? Uthuli. Ingaba ukukhanya kwelanga kuku ukwenze uthuli? Hayi, ukukhanya kutyhile uthuli. Xa mna nawe sithatha ixesha, sivuke ikheyhini zikaMyo oyingcwele,sivumele ukukhanya komthetho kaThixo kukhanye entliziyweni yomoni, konke okwenzekayo,kukuba uthi azibone enyanisweni. "umyalelo usisibane uze umtetho ube kukukhanya"(imizekeliso6:23). Watsho uPawulosi, "ngomthetho kubakho ulwazi lwesono"(amaroma3:20). Yiyol lonto wathi, "ngomthetho isono saba nokona"(amaroma7:13). Ngamanye amazwi, umthetho waveza lento siyiyo isono elukhanyweni.

Ndiqhele ukuthi xa ndifika kwelinqanaba lemfundiso,ndijonge imithetho elishumi,nganye nganye, kodwa into endizakuyenza kukuxelela indlela mna endishumayela ngayo kuba ndicinga ukuba oko kuyaba luncedo.

Ngoku, ndiyakholelwa kakhulu ekulandeleni amanyathelo kaYesu. Andizange ndiye emntwini ndithi, "uYesu uyakuthanda." Ayikhosesibhalweni lonto; abukho ubungqina. Andiyenzi, nento yokuba ndiye emntwini ndithi, "ndingathanda ukuthetha nawe ngoYesu." Kuba? Ukuba ndifuna ukukuvusa ebuthongweni obukhulu,ndi yakuku layita ngesibane emehlweni. Iyakuku khubekisa lonto.kodwa ndiyakukuthoba ukukhanya. Kuqala okwemveli, ndize ngokwakwa moya. Kuba? Kuba umntu wamveli akazamkeli izinto zakwamoya, akanakho nokuzazi. Zibubudenge kuye kuba zaziwa ngokwakwa moya(amakorinte okuqala 2:14). Levesi ilandelayo ifumaneka kuYohane4. ungawubona umzekelo kaYesu kwi ntombi eyayise quleni. Waqala ngokwemvelo, waya kwamoya, wenza ulolwahlwayo esebenzisa umthetho wesixhenxe, waza wazi bonakalisa njengomsindisi. Kananjalo, xa ndihlangana nomntu, ndiye ndithethe ngemozulu, ngezemidlalo: ukuze azive ekhululekile. Ndifune ukubazi; ndiqhule nokuqhula ndize emveni koko ndisuke kwizinto zemveli ndiye kwizinto zakwamoya. Indlela endiyenza ngayo lento kuku mnika iphetshana elimxelela ngevangeli. Sinaphetshana ayi 24,25 athetha ngevangeli, silungiselela emzimbeni kaKrestu. Sibhale izigidi, ngezigididi zalaphetshana kwaye awethu amaphetshana awaqhelekanga. Ukuba uthe wawafumana, kuya kufuneka ukuba abemaninzi kakhulu kuba abantu bayakukuleqa befuna amanye amaninzi.

Mandikunike umzekelo. Ayalingana ngobukhulu ,anemiqathango ngasemva...ukuba usindiswa njani,ndiye ndithi, “ungaligcina.”, athi “hey..enkosi kakhulu! Intle lento...whuwha!”

“ndinesinye isipho sakho.” Ndibe sendikhupha ipeni ebhalwe imithetho elishumi epokothweni. Sinomatshini wokuzibhala. Sithenga iipeni ebhankini, ezegolide ezintle sibe sesizifaka kulomatshini, sizicenzele, okanye iyakwenza uzipho lukabhontsi wakho ukuba ufuna ukubambelela. Kodwa izicinezela ngemithetho elishumi. Kusemthethweni oku: ifaniswa nokuzoba lento. Ayikoku cima ipeni. Ndiye ndithi ke “nasi isipho.” Athi umntu, “oh...yintoni le?” ndithi, “yipeni enemithetho elishumi kuyo, ndiyenze ngamazinyo am...o –i- ndibenza ngemehlo lezinyo kodwa o –e- kunzima ukubenza.”

Ngoku, into endiyenzayo kukuzama ukuba ukuba uyazivumala na izinto zakwamoya. Ukuba akabonisa mdla athi, “imithetho elishumi? enkosi kakhulu.” akandivumeli. Kodwa amaxesha amaninzi impendulo ithi, “imithetho elishumi..enkosi kakhulu! Ndiyabulela ngalento.” Ndithi, “ah, ingaba ucinga ukuba wean uyayigcina na imithetho elishumi?” athi, “eh,ewe..olohlobo.” ndithi, “makhe siyijonge.ingaba wakhe waxoka?” athi, “eh,ewe..eh,kanye okanye kabini.” Ndithi, “lonto ikwenza ntoni?” athi, “umoni.” Ndithi, “hayi, hayi. Ngokukhethekileyo, ikwenza ntoni?” athi, “hayi, mfondini, andiloxoki.” Ndithi, “kufanele uxoke kangaphi ukuze ubelixoki? Kalishumi emveni koko kukhale intsimbi ‘ppppbbttt’ apha ebunzi? Ingaba akuyanyi ukuba uxoke kwakanye ulixoki?” athi, “eh...ndicinga ukuba unyanisile.” Ndithi, “ingaba sekhe weba?” athi, “hayi.” Ndithi, “ubusele undixelele ukuba ulixoki.” Ndithi, “zange weba into nokuba incinci?” athi, “ewe.” Ndithi, “lonto ikwenza ntoni?” athi, “isela.” Ndithi, “uYesu wathi ‘ukuba ujonge umfazi uze umrhalele, ukrexezile entliziyweni’ (mateyu5:28). Ingaba sekhe wayenza lonto?” athi, “amaxesha amaninzi.” “ndithi ngokutsho kwakho, ulixoki, ulisela, uyakrexeza, kuyakufuneka ke ujongane noThixo ngemini yomgwebo, kwaye besisajonga kuphela emithathu kwimithetho elishumi. Kukhona eminye esixhenxe enemipu yayo ejonge kuwe.ingaba sekhe wafana walisebenzisa igama likaThixo?”

“ewe..kudala ndizama ukuyeka.” “uyayazi lento uyenzayo?endaweni yokusebenzisa isithuko esiqala ngo –s- ukubonakalisa ukucaphuka, usebenzisa igama likaThixo. Lonto kuthiwa kukwenyelisa, ibhayibhile ithi, ‘onke amazwi umntu awathethayo uyakuphendula ngenxa yawo ngomhla womgwebo’ (mateyu12:36). ‘uThixo uyakuba beak ityala abangali hloneliyo igama lakhe’ (eksodos20:7). Ibhayibhile ithi ukuba ucaphukela umntu, ungumbulali(Yohane wokuqala3:15). Into emangalisayo ngomthetho kaThixo kukuba uThixo uwubhale ezintliziyweni zethu.

Amaroma2,ves15: “...okubonakalisa umsebenzi womthetho ubhalwe ezintliziyweni zethu, izazela zabo zingqina...” ngoku,isazela sithetha ukuthi “ngolwazi.” Ngoko ke xa exoka, erhalela, ekrexeza, ethuka, esenza umbulo, ukwenza oko esazi ukuba akulunganga. uThixo unike ukhanyo kubantu bonke. uMoya oyingcwele uyabohlwaya ngenxa yesono, ubulungisa, nomgwebo(Yohane16:8). Isono esikukwaphula umthetho(yohane wokuqala 3:4), ubulungisa obubomthetho (amaroma10:5; abasefilipi3:9), umgwebo ongomthetho. Isazela sakhe siyamgweba-umsebenzi womthetho obhalwe entliziyweni yakhe(amaroma2:15) –umthetho uyamgweba. Ngoko ndithi, “ukuba uThixo angakugweba ngolu hlobo ngomhla womgwebo,uzakubamsulwa okanye uzakuba netyala.” Athi, “ndiya kubanetyala.” Ndithi kuye, “ucinga ukuba uyakuya ezulwini okanye esihogweni?” badla ngokuthi abaninzi, “ezulwini.” Isiphumo sovangelo lwalemihla. Ndiye ndithi, “kutheni ucinga njalo? Ingaba kukuba ucinga ukuthi uThixo ulungile akayi kusijonga isono sakho?” athi, “ewe, kunjalo.akayi kusijonga isono sam.” “ungakhe uyizame lonto ekhoth

yomthetho. Uye wadlwengula, wabulala, wasebenzisa iziyobisa-amatyala amakhulu. Umgwebi athi, ‘unetyala. Bonke ubungqina bukhona. Ingaba unento ofuna ukuyithetha phambi kokuba ndiwise isigwebo?’ uthi wean, ‘ewe,mgwebi. Ndiyakholwa ukuba ungumgwebi olungileyo kwaye akuyi kuwajonga amatyala am.’ Umgwebi uyakuthi, ‘unyanisile ukuthi, ndilungile, kwaye ngenxa yokulunga kwam, ndiyakuqinisekisa, ukuba umthetho uthatha indawo. Ngenxa yokulunga kwam, ndiyakukuqinisekisa ukuba uyagwetywa.’” Lento aboni bacinga ukuba iyakubahlangu ngemini yomgwebo, ukulunga kukaThixo, yilento iyakuba bophelela. Kuba ukuba uThixo ulungile, kufanele abahlwaye, ababulali, izidlwengu, amasela, abenzi bombulo, naba nyelisi. uThixo uyakusigweba isono naphina apho sifumaneka khona. Ngalo olulwazi umntu uyakwazi ukuqonda. Uyakhanyiseleka ukuba isino sakhe sijolise kuThixo: ukuba wone :phambi kwamazulu”(luka15:21). Ukuba wone umthetho kaThixo kwaye wenze uThixo umsindo kwaye ingqumbo kaThixo iphezulu kwakhe(Yohane3:36). Uyabona ngoku ukuba “ubekwe esikalini” somgwebo waphakade wafumaneka “wafumaneka enetyala”(daniyeli5:27). Uyasibona isidingo sedini. “uYesu wasihlangula kwiqalekiso somthetho ngokuba sisiqalekiso”(amagalati3:13) saaphula umthetho; uYesu wabhatala ityala. Icacile ngolohlobo nje. Ukuba umntu uthi aguquke, abeke ukholo lwakhe kuYesu, uThixo uyakucima icala lakhe ukuze ngomhla womgwebo , xa inkundla ihlala, uThixo abenokuthi, “elityala liyachithwa kuba akukho bungqina.” “uYesu wasihlangula kwisiqalekiso somthetho ngokuba sisiqalekiso yena.” Ngoko ke yenza inguquko phambi koThixo, ukholo kwinkosi uYesu krestu(izenzo20:21). Lowo uthi abambe ikhuba angajongi ngasemva ubulungele ubukumkani bamazulu(luka9:62). Umhlaba wentliziyo yakhe ulungisiwe ukuze abenokwamkela ilizwi elinakho ukusindisa umphefumlo wakhe(yakobi 1:21).

Ngoku andinalo ixesha lokwabelana nani ngezinye intetho, kodwa zikhona kwii ncwadi zethu. Ndiyakholwa ukuba niyakuwazi lamagama. John Wycliffe, umguquleli webhayibhile. Wathi, “owona msenzi uphakemeyo umntu onokuwenza emhlabeni kukushumayela umthetho kaThixo.” Kuba? Kuba oko kuya kuqhubela aboni ekukholelweni kuYesu, ebomini baphakade. uMartin Luther wathi, “umsenzi wokuqala womshumayeli kukwazisa umthetho kaThixo ukuze kuvelo isimo sesono.” Enyanisweni njengoko sifunda ezintetho, “ukuba akuwusebenzisi umthetho entshumayelweni, uyakuzaklisa ibandla ngamakholwa angengawo.” Abevi abangumhlaba owomileyo abayakulamkela ilizwi ngovuyo nothakazelelo. Mamwla okwatshiwo ku Martin Luther wathi, “usthana, uthixo wembambano uvusa amqela onqulo. Amanye wawo endingazange ndiwarhanele ngala afundisa ukuba, umntu makanga woyiki umthetho, kodwa afundise ubabalo lukaYesu.” Yintoni ayitshiyo uLuther? Uthi, “mamelani, kuneqela elisebenza ngamadimoni, likasathana elivukileyo. Aznge ndiyikholelwe ukuba ingenzeka lento. Uvuse iqela elifundisa ukuba Bantu bangawoyiki umthetho,” lonto ibonakalisa uindlela ekuvangelwa ngayo amxesha amaninzi.

uJohn Wesley wathi kumhlobo wakhe, ebhalela umvangeli, “shumayela kakhulu umthetho uze ushumayele kancinci ubabalo.” Uthi, “kakhulu umthetho kancinci ubabalo? Inzima lonto. Ukufanelanga ukuba zibe ngokulinganayo.” Yicinge ngoluhlobo. Ndingugqirha, usisigulane. Unesifo. Ndinonyango, kodwa kucacile ukuba uyalufuna unyango, ukuba akulufuni ngokupheleleyo, aluyi kusebenza.

Ndizakunika njani?

Mhlawumbi ngoluhlobo.

“yiza apha. Hlala phantsi. Ndinendaba ezibalulekileyo: unesifo.” Ndiyabona uqala ungancangazela. Ndizicingele, “kuyalunga, uyakubona ukubaluleka kwa lemeko.” Ndikubonise imifanekiso ye x-reyi. Ndikubonise ityhefu engaphakathi kuwe.ndithethe nawe imizuzu elishumi ngobungozi besisifo.ucinga ukuba ndiyakuthatha ixesha elingakanani ndithetha ngonyango? Aliyi kuba lide. Xa uhleli phaya emveni kwemizuzu elishumi, ndithi, “nalu uncedo.” Uyakulibamba ulisele ngoko nangoko. Ulwazi lwesigulo nobungozi baso bukwenze walangazelela uncedo. Uyabona phambi kokuba ndibe ngumKrestu, ndandifuna ukwenza ubulungisa njengekwekwe eneminyaka emine ifuna ukuhlamba. Yintoni isinyanzelo? Uyabona, uYesu wathi, basikelelekile abenzi bobulungisa .” bangaphi abangakholwayo abafuna ukwenza ubulungisa? Ibhaibhile ithi, “akukho ufuna uThixo”(amaroma3:11). Ithi bathanda ubumnyama, bachasa ukukhanya; abazi ekukhanyeni hleze bathyileke(yohane3:19-20). Into ekuphela abayiselayo bububi ngathi ngamanzi(yobhi15:16). Kodwa ngobusuku endabona ngabo imo yakwamoya yomthetho kaThixo ndaza ndaqonda ukuba uThixo ufuna inyaniso kwingaphakathi lomntu(indumiso51:6), kuba uzibonile ingcinga zam wakubona ukurhala kunje ngokukrexeza, ukucaphukela kunje ngokubulala, ndaqala ukuthi, “ndiyabona ukuba ndigwetyiwe. Kufanele ndithini ukuze ndilungisw?” ndaqala ukunxanelwa ubulungisa. Umthetho wafaka ityuwa elwimini lwam. Ungutitshala ondizisa kuKrestu.

uCharlse Spurgeon wathi, “abasoze balwamkele ubabalo bade bangancangazele phambi komthetho ongwele.” uD.L Moody, uJohn Bunyan, uJohn Newton, owabhala ingoma ethi “amazimg grace” (ukuba kukho umntu awalu fumanayo ubabalo ngu Newton), wathi “ukuze uqonde uqhagamishelwano phakathi komthetho nobabalo kukuba ungazi rhintyeli ngempazamo kwisandla sakhohlo nesasekunene.” uCharlse Finney yena wathi, “nangaphezulu umthetho kufanele ulungise indlela yobabalo.” Wathi, “ukungu yihoyi lento xa uyalela imiphefumlo kunoku phelela ethembeni lobuxoki, ukuveliswa kobukrestu obungebubo, kuzale amabandla ngabantu abanga guqukanga ncam.”

Into yokuqala awayithethayo kum uDavid Wilkerson xa wayendifonela esemotweni yakhe yayiyile, “ndandicinga ukuba ndim ndedwa ongakholelwayo kulandelelo.” Ngoku, ngoku ndiyakholelwa ekondleni ikholwa elitsha; ndikholelwa ekulenaseni. Ndikholelwa ekulifundiseni ngebhayibhile nangokubalulekileyo. Kodwa andikholelwa ekumlandeleni. Ayikho esibhalweni.

Ithenwa lom ithiyopiya azange lilandelelwe. Laphila njani ke? Into aweyenayo yayizizibhalo noThixo kuphela. Uyabona, ulandelelo..mandilucacise kwabo benu bangalaziyo. Kuxa abantu benze isigqibo, mhlawumbi emvuselelweni okanye ebandleni, size sithathe abasebenzi kwesosivuno, bembalwa njengaso, sibanike umsebenzi wokubaleka emveni kwezizigqibo, ukuqinisekisa ukuba balandela uThixo. Sindaba ezimbi ezi zokunga thembi amandla omyalezo wethu na sekugcineni amandla kaThixo. Ukuba uThixo ubasindisile, uThixo uyakuba gcina. Ukuba bazalwe ngiThixo, asoze bafe. Ukuba uqale umsebenzi olungileyo ebomi babo, uyakuwu gqiba kwangalo mini(abasefilipi1:6); ukuba ungumbhali wokholo, uyakuba ngumgqibelelisi wokholo(amahebhethere12:2).onakho ukubasindisa abo baza kuThixo ngokholo(amahebhethere7:25). Unakho ukubagcina bangohlulakali aze nabo bengenachaphaza phambi kobukho nozuko benovuyo olukhulu(juda24). uYesu wathi, “akukho bani unokunehlutha esandleni sikabawo” (yohane10:29).

Ingxaki bazalwane, kukuba ulazaros untsukune esengwabeni, kodwa “uyanuka”(ves.39). udinga ukuva izwi lonyana kaThixo, okanye akukho bomi kuye; inye kuphela into etsala indlebe yomoni ekuliveni izwi lonyana kaThixo ngumthetho.

Ungutitshala ukuze umzise kuKrestu ukuze agwetyelwe ngokholo(amagalati3:24). Bazalwane, umthetho uyasebenza; uguqula umoni(indumiso19:7). Imenza umntu abesisidalwa esitsha kuKrestu. Izinto ezindala ziye dluala; jonga ,zonke zisuke zantsha(amakorinte esibini5:17). Zibone ungumoni, ukhe uyijonge lento. Kodwa khumbula lento.

Zibone uhleli kwinqwelo moya, uphunga ikofu, usitya ikhekhe, ubukele ifilim. Luhambo olumnandi, wonwabile, ngesiqophe uve kusithiwa, “ngukapteni louthethayo. Ndinesaziso endinaso. Jengoko kukho ilungu lenqwelo moya elithe lawa, siza kubetheka. Sise kuphakameni oku yi 25,000. kukho iparashute phantsi kwesitulo sakho; sikuthanda ukuba uyinxibe. Siyabulela ngokusimamela, siya bulela futhi ngokuba uthathe oluhambo.” Uthi wean, “intoni? 25,000fithi? Madoda, ndivuya ndiyinxibile iparashute!” ujonge ecaleni kwakho; lomntu uhleli ecaleni kwakho usatya ikhekhe, ephunga nekofu, usabukele ifilim. Uthi wean, “uxolo, ingaba umvile ukapteni? Nxiba iparashute.” Akujunge yena athi, “nyhani, andicingi ukuba ukapteni unyanisile. Ngaphezu koko ndonwabile, enkosi.” Sukujonga kuye uthi, “ndiyakucela, nxiba iparashute. Iyakuba ngcono kune filim.” Hayi, ibubudenge lonto. Ukuba uthi xa enxibe iparashute uyakuva kamnandi, uyakuyinxibela isizathu esingeyonyani. Ukuba ufuna ukuba ayinxibe ahlale eyinxibile, mxelele ngokutsiba. Yithi, “uxolo, ungangamhoyi ukapteni ukuba uyafuna. Utsibe ngaphandle kweparashute,emveni...placa!” athi yena, “uthini?” “ndithe ukuba uyatsiba ungayinxibanga iparashute, umthetho womhlaba. ‘ppppplaaaca’ emhlabeni.” “oh, kulungile!” ndiyayibona lento uyitshoyo! Ndiyabulela kakhulu!” ukuba loomntu unalo ulwazi kuyakufuneka aphume nomnyango ajongane neziphumo zokwaphula umthetho womhla(ukuwa), ayikho indlela onokuyithatha ngayo loaparashute isemqolo kuye, kuba ubomi bakhe buxhomekeke kuyo.

Ngoku, ukuba ujonge, ecaleni kwakho, uyakufumanisa ukuba baninzi abakhweli abalonwabeleyo uhambo. Bonwabele ubumnandi besono okwexeshana. Yiya kubo uthi, “uxolo. Uvile ukuba ukapteni ebesithini ngokusinda, ‘nxiba uYesu.’” Angakujonga yena athi, “andicingi ukuba uThixo uthetha lonto. uThixo uluthando. Ngaphezu koko ndonwabile,enkosi kakhulu.” sukuya kuye umcenge uthi, “ndiyakucela, nxiba uYesu. Uyakunika uthando, uxolo, uvuyo, ukwanela, nolonwabo lwaphakade. Kukho into elapha kuwe efuna uThixo. Ukuba unengxaki yomtshato, ingxaki yeziyobisi, yotywala, vela umnike intliziyo yakho.” Hayi. Uyakumnika isizathu esingesizo sokuzinikela. Endaweni yoko yithi, “oh, Thixo ndinike isibindi!” umxelele ngokutsiba. Suka uthi, “hey, umntu fanele ukufa kubekanye emveni koko afe. Ukuba ufela ezonweni zakho uThixo kuyakunyanzeleka akugwebe, isigwebo sakhe iyakuba sesifanelekileyo. Onke amazwi umntu awathethayo, uyakuphendula ngenxa yawo ngemini yomgwebo, ukuba urhalile, ukrexezile. Ukuba uthe wacaphukela umntu,ubulele. uYesu wathembisa ukuba umgwebo uyakuba ngofanelakileyo, inqindi lomsindo waphakade liyakuwa phezu kwakho likubethe likucole ubengumgubo. uThixo akusikelele.” Ngoku bazalwane, andithethi ngokushumayela umlilo wesihogo. Ukushumayela umlilo wesihogo uyakubangela abantu baguquke kuba besoyika. Ukusebenzisa umthetho kaThixo kuyakubangela baguke besezinyembezeni. Lo uza kuba kutheni? Ufuna ukubaleka umlilo wesihogo. Kodwa entliziyweni yakhe unento ethi uThixo ukhohlakele, kuba umthetho akhange usetyenziswe ukumbonisa indalo yokona esiyiyo isono. Akasiboni isihogo siyindawo afanele ukuya kuyo. Ngoko ke akaluqondi ubabalo nenceba; ngoko ke, akanambulelo kuThixo ngenxa yenceba yakhe. Umbulelo sisisekelo sokuvangela. Akusayi kubakho nto iliqhubayo ikholwa elingelilo ukuba lishumaye. Kodwa oza esazi ukuba wonile phambi kwamazulu nomhlaba. Nokuba imehlo likaThixo likho ndawo zonke kwaye

libona ububi nobuhle kwaye uThixo ububonile ubumnyama, ngathi ubona ekukhanyeni. Uzibonile ingcinga zakho. Ukuba uThixo ebungweleni bakhe ngomhla womgwebo uyakuvelisa zonke izono zomntu ezifihlakeleyo entliziyweni, zonke izono ezenziwe ebumnyameni, ukuba uveze bonke ubungqina bukubanetyala, uThixo uyakumthatha umntu lowo njengento emdaka amlahlele esihogweni enze okulungileyo. Kodwa endaweni yokumnika isigwebo, umnike inceba. Ubonakalise uthando lwakhe kuye esengumoni ngokuthi uYesu amfele. Uwa emadolweni phambi komnqamlezo onegazi, athi, “oh, Thixo, ukuba wandenzela lonto, ndiyakwenza nantoni na. ndiyavuya ukwenza intando yakho, Thixo wam. Umthetho wakho ubhalwe entliziyweni yam.” Kwaye njengendoda ibisazi ukuba kufuneka itsibile ijongane nokuwa, kwaye ibingena kuyikhulula iparashute yayo kuba ubomi bayo buxhomekeke kuyo, lowo uza kumsindidi, esazi ukuba kufuneka ejongene noThixo ongcwele ngemini yomgwebo, asoze abushiye ubulungisa bukaThixo kuKrestu kuba ubomi bakhe buxhomekeke kubo.

Makhe ndijonge ukuba ndinga yivala lemfundiso njengoko isondele esiphelweni. Ndandise venkileni ngenye imini, unovenkile wayenceda umthengi esebinzisa igama likaThixo njenge senyeliso. Ukuba umntu unokusebenzisa igama lika nkosikazi njengesinyeliso, ndingakhubeka kakhulu ukuba unokulisebenzisa njengesiqalekiso. Kodwa lendoda yayisebenzisa igama likaThixo njengesiqalekiso, kodwa uThixo uyinike ubomi, amehlo ayo, ukuba ibenokucinga, abantwana bayo, ukutya kwayo; yonke into anayo unayo ngenxa yokulunga kukaThixo, kodwa usebenzisa igama likaThixo njenge sithuko. Ndaye ndangena phakathi kwakhe nomthengi ndathi, “uxolo. Ingaba yindibano yokholo le?” wathi lomfo, “intone? Esihogweni hayi!” “ewe kunjalo, kuba ngoku uthetha ngesihogo. Makhe ndikunike enye yencwadi zam.” Ndathi ndaya emotweni yam ndathatha incwadi ethi (*god doesn't believe in atheist: proof the atheist doesn't exist*) oko kukuthi uThixo akakholelwa kubantu abangakholelwayo kuba abekho abantu abanjalo. Yincwadi esebenzisa ingqondo, isizathu, ehlekisayo, ibonisa ubungqina bobukho bukaThixo, lonto ungayenza ngemizuzu emibini ungakhange usebenzise kholo. Yinto ecacileyo kakhulu, ivelisa ukuba uThixo ukhona; ivelisa kwakho ukuba akekho umntu ongakholelwayo ebukhweni bukaThixo. Mandinibonise iphepha lokuncamatheliemotweni (our bumper sticker). “*imini yabantu abangakholelwayo kuThixo: ngoEpreli nge1.*” Ndamnika ke incwadi leyo, emveni kwenyanga ezimbini ndaya kuye ndamnika ezinye iincwadi ezimbini endizibhalileyo ezithi (*my friends are dying*) abahloba bam bayafa! Incwadi eyinyani nelibali elitsala umdla ngoku shumayeli ivangeli kwindawo ezinobungozi zase Los Angeles; incwadi nayo enendawo ezihlekisayo. Ndamnika ezoncwadi waye wandifonela endixelela okwenzekileyo. Wandixelela ukuba unkosikazi wakhe wayedla ngokumjonga ngcolileyo, kuba efunda lencwadi ithi abahloba bam bayafa! Ahleke qho emizuzwini emibini. Kodwa wathi etshayela igumbi lakhe wabona lencwadi ithi *uThixo akakholelwa ebantwini abangakholelwayo*. Wathi, “ah,” wayivula wafunda iphepha lokuqala waza wafunda incwadi yonke, amaphepha ayi 260. wathi “ayiqhelekanga lenti kuba ndiya kucaphukela ukufunda.” Waza naye wafunda lencwadi ithi *abahloba bam bayafa!*, wazinikela kuKrestu, wazithengela ibhayibhile, waza wazokubulisa kum, wandixelela emveni kwentsuku ezimbini elikholwa, ebhayibhileni wayesele efunde wayakutsho kwindawo awesithi yincwadi yea Lev-eh-kutis. Ndiyacinga ukuba wayeza kufunda indumiso noYohane. Kodwa ekudeni kubelixesha lokuzinikela kwakhe, lendoda yayisenza lento ithi “umthetho ka Thixo uklungile ekugququleni umoni.”

Ngoku ingathi uThixo wayijonga lendoda, njenge minyaka emininzi endandishumayela, ndisilwa utshaba lwentsiba zokutshayela uthuli kuvangelo lwalemihla, “wenza ntoni? Izixhobo zam ayizozenyama kodwa zezakwamoya ziwisa amagunya(amakorinte esibini 10:4). Nanzi inkanunu ezinkulu ezilishumi zomthetho kaThixo, aboni bayeka ukugeza. Ubuso babo bajika batyheli, baphakamisa izandla besithi, “ndiyanikela konke! Konke kuYesu ndiyanikela!” beza kwicala eliphumelelayo ukuze bamkelwe. Amakholwa anjalo aye aguqule imiphefumlo, abahlali phantsi, bayasebenza, abalali, abaxhomekeki ebandleni.

Ngoku bazalwane, amehlo onke evaliwe, zonke intloko ziphakeme, kungekho mculo, mandicele umngeni ngoku baluleka kosindiso lwakho. Uvangelo lwalemihla luthi, “ungaze ulubuze usindiso lwakho.” Ibhayibhile ayitsho. Kodwa yona ithi, “zigocagoce uzibone ukuba uselukholweni na” (amakorinte esibini 13:5). Kungcono ngoku kunangemini yomgwebo. Ibhayibhile ithi, “qinisekisa ubizo nolonyulo lwakho” (uPetros wesibini 1:10). Abanye benu bayazi ukuthi kukho nto ingalunganga kuhambo lwakho lobukrestu. Uyaphulukana noxolo novuyo lwakho ngamaxesha obunzima. Ayikho intshisakalo yokushumayela. Azange uwe ngobuso phambi koThixo uthi, “ndonile kuwe bawo! Yiba nenceba kum.” Azange ubalekele kuYesu egazini lakhe ukuze uhlanjululwe, ukhala usithi, “yiba nenceba Thixo kum moni!” akukho mbulelo; akukho ntshisakalo ngabalalekayo. Awunakho ukuthi uyamvuthela uThixo, enyanisweni, usengozini yokubizwa njengodikidiki uze uticelwe ngaphandle komlomo ka Thixo ngomhla womgwebo(izithyilelo 3:16) xa abaninzi bekhala kuYesu, “nkosi, nkosi.” Athi yena, “hambani kum nina benzi bobubi azange ndanazi”(mateyu 7:22-23).Ibhayibhile ngaphandle komthetho ithi, “wonke ubani okhankanya igama likaYesu makasuke ebubini”-apho kungekho mthetho(timoti wesibini2:19). Namhlanje kufanele usitshinstshe isazathu sokuzinikela kwakho. Mhlobo, ungavumeli impakamo ikumise. Ndiyakukuthandazela: ndizakuma apha, uhlale apho esitulweni sakho. Kodwa ukuba uyafuna ukubandakanyeka kulomthandazo, ndifuna uphakamise isandla, khumbula. Ukaba uhti, “mandiphakamise bazakuthini abantu?” yimpakamo leyo. Ufuna ukudunyiswa ngabantu(yohane 12:13). Wonke ophakamileyo entliziyweni ulisikizi kuThixo(imizekeliso16:5). uThixo uyabachasa abanempakamo kodwa ubanika ubabalo abathobekileyo. Zithobe phambi kwesandla sika Thixo; uyakuku phakamisa ngexesha elifanelekileyo (uPita wukuqala5:5-6). Yithi kukuzinikela kwakhona. Kodwa nokuba uyibiza ntoni na, yenza ubizo nolonyulo lwakho lube loluqinisekileyo